NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATION
NOVEMBER 2020

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO: IPHEPHA II
ISIXHOSA FIRST ADDITIONAL LANGUAGE: PAPER II

MARKING GUIDELINES

Ixesha: 2½ Iiyure | Amanqaku: 100

These marking guidelines are prepared for use by examiners and sub-examiners, all of whom are required to attend a standardisation meeting to ensure that the guidelines are consistently interpreted and applied in the marking of candidates' scripts.

The IEB will not enter into any discussions or correspondence about any marking guidelines. It is acknowledged that there may be different views about some matters of emphasis or detail in the guidelines. It is also recognised that, without the benefit of attendance at a standardisation meeting, there may be different interpretations of the application of the marking guidelines.

IEB Copyright © 2020

ICANDELO A

UMBUZO 1

1.1 1.1.1 Esikolweni eZazulwana.
1.1.2 NguZolile Phikisa /Ngutitshala uPhikisa.
1.1.3 NguThole.
1.1.4 UThole wayengumfundi kwesi sikolo/ Wayefundiswa ngutitshala uZolile kwesi sikolo.
1.1.5 Lufafa olude lomfana, umnyama ukusuka esihlangwini ukuya ezinweleni, unomkhitha ngathi ngowehashi.
[umfundi ufumana inqaku elinye ngeempendulo eziMBINI azinikileyo kwezo zingentla].
1.1.6 Kumaphepha-ndaba/ Wayengundaba-mlonyeni
1.1.7 Zininzi izinto ezazivakala ngaye uThole:
Watyiwa ziingonyama eKnysna.
Wavela waduka.
[Enye yezi mpendulo ilungile]

1.2 1.2.1 B

1.2.2 UThemba noSonwabo baye basweleka bashiya uThole esidla ubomi

1.2.3 **Isiganeko 1**
- UThole udibana noThemba noSonwabo edolophini eGcuwa bathi ngeli xesha lokuba ebefanele ukuba uyagoduka ngalo uThemba kodwa bamkhukhulisela/ bamsa eBhayi.
- Bamseza utywala.

OKANYE

Isiganeko 2
- UThemba noSonwabo badibana noThemba edolophini eBhayi esendleleni egodukayo.
- Bamkhwelisa imoto eya eKapa endaweni kwegodukayo.
- Xa ebabuza bamnika impendulo egwexayo, bembuza ukuba akatshongo na ukuba uya eGcuwa ngoko ke nemoto iya apho.

[Nayiphi na impendulo echanekileyo kwezi zimbini zingentla iyakwamkeleka]

1.2.4 Baqwengwa/batyiwa ziingonyama basweleka.

1.2.5 UThole ngumntu ohlakaniphileyo/ Ngumntu ongaphelelwayo lithemba/ Ngumntu osoloko elindele okuhle/ Ngumntu okwaziyo ukuyisebenzela into ayifunayo.
[Nayiphi na impendulo echanekileyo eza nomfundi iyakwamkeleka]

1.2.6 Waphila ubomi obumnandi kuba aye afezekiswa amaphupha akhe.

1.2.7 – Usifundisa ukuba siqhubele phambili nokuba kunzima ebomini.
– Masifunde kwiimpazamo zethu.
– Masizithembe ukuba singaphumelela xa sinamaphupha.
[Nayiphi na impendulo elungileyo eza nomfundi iyakwamkeleka]

UMBUZO 2

2.1 2.1.1 Ligqirha /C
2.1.2 Wayezama indlela zokuphila/ wayezama icebo lokumphilisa kwimeko awayekuyo.
2.1.3 Wafumana imali ngokunyanga abantu. Wakwazi ukubuyela ekhaya.
[**Enye kwezi mpendulo zingentla yamkelekile]**
2.1.4 Ewe Babephila abantu/ Babencoma ukusebenza kwemithi yakhe.
2.1.5 Ngamaphupha amabi.
2.1.6 Wamxelela ukuba uza kubuyela esikolweni kunyaka ozayo.

UMBUZO 3

- UFikizolo ubuza uThole ukuba njengokuba ekhona ekhaya ucinga ukwenza ntoni.
- UThole ubuza uFikizolo ukuba uthetha malunga nantoni njengoko engaqondi kakuhle
- UFikizolo umxelela ngexabiso eli akulo (ubudala)
- UFikizolo uxelela uThole ukuba iminqweno yakhe ibikukuba uThole afunde abe yinto ebomini kodwa yena walala elo thamsanqa
- UFikizolo uxelela uThole ukuba xa iminqweno yakhe ingafezekisekanga kufuneka uThole afune umfazi
- UThole uyaxolisa kuFikizolo ngendaba yokufuna umfazi
- UThole uxelela uFikizolo ukuba unqwenela ukuphindela esikolweni
- Ziyamothusa uFikizolo ezi ndaba ze athi "Uthini na ngoku"?
- UFikizolo akazazi nokuba avuye okanye athini na
- UFikizolo akamkholelwa ucinga ukuba uyamxokisa
- UFikizolo unexhala lokuba angangayifumani indawo kuba unyaka sewuphelile
- Elinye ixhala likaFikizolo bubudala bukaThole obunokuba ngumqobo kwimfundo ayifunayo
- UThole uxelela uFikizolo ukuba sele eyifumene indawo
- UFikizolo ubuza uThole ukuba uyifumene phi indawo
- UThole uxelela uFikizolo ukuba uyifumene eDikeni

[Nasiphi na isixhenxe seengongoma esichanekileyo kwezi zingentla siyakwamkeleka]

Ulwabiwo lwamanqaku:

Iingongoma ezichanekileyo	Nika inqaku elinye (1) kwiingongoma nganye kwezisixhenxe ezibhalwe ngumfundi.
Intshayelelo nesiphelo	1 inqaku
Isakhiwo	2 amanqaku

OKANYE

UMBUZO 4

4.1 Ewe Baw' uMkwayi kuthiwa ngumXhosa.
4.2 Kowu! Safa nguBaw' uMkwayi.
4.3 Hayi ke baw'uNgconde lowo umbuzo asingewuphenduli kuba umfundisi akazalwa, akanasiduko engenalo nekhaya.
[Nasiphi isibini kwezi mpendulo zingentla (4.3) siyakwamkeleka]

4.4 Andithi kweliya lakuni phaya kuni bawo'uMkwayi bakho abafundisi?
4.5 Bavela phi?
4.6 Phaya kweliya lakuni bawo uMkwayi wawukhe uve kusithiwa kukho umntu ozele umfundisi?
4.7 Ubukhe ugqithe kumfundisi ehamba ngendlela ude ubulise?
4.8 Wakhe weva umntu ebulisa umfundisi ngesiduko?
4.9 Andithi ke Baw' uMkwayi ndithe kuwe umfundisi akanasiduko? akanakhaya

UMBUZO 5

Umhlathi 1

- Wayecelwe nguNomsa ukuba aze kumtyelela.

Umhlathi 2

- Badibana edolophini eBhayi, bathandana.

Umhlathi 3

- NguJoe neqela lakhe. Kuyacaca ukuba uNomsa uthandana noJoe. UJoe uvile ukuba uNomsa ukhona omnye umntu athandana naye. Uye kuNomsa kuba ebefuna ukubona lo mntu waze wafika ekhona inguThole wabe uyahlaselwa uThole ngolo hlobo.

[Nasiphi isibini seempendulo kwezingentla siyakwamkeleka].

Umhlathi 4

- Babemphethe okwekhoboka, befuna avume konke okuthethwa ngabo.
- Bambetha ngeempama nangamanqini.
- Bamkhomba ngompu.
- Bamsa kwenye indlu kwalapho elokishini babesambetha bemtshicela.
- Bambopha ngentambo umzimba wakhe wonke.
- Ukuba bambophelela ewodrophini.
- Ukuba bakumkhulula ngo 12 bamrhuqe njengenja bemrhuqela echibini.
- Injongo yayikukuba bambophelele elityeni bamtshonise afe.

[Naliphi ishumi (10) leempendulo eliza nomfundi kwezingentla liyakwamkeleka]

Umhlathi 5

- Ukuba kwathi gqi amapolisa ehamba ngeebhayisekile xa bephuma kucingo lwelokishi.
- Ukuba babaleka bamshiya ngemva uThole esabotshelelwe njalo.
- Amkhulula amkhapha amsa apho wayesithi uhlala khona.
- Kukuba ngosuku olulandelayo alishiye iBhayi.

OKANYE

UMBUZO 6

Umhlathi 1

- NguMkwayi lo mlinganiswa uthetha la mazwi. Wayesecaweni.

Umhlathi 2

- Kwatsha indlu, baduka akwabonakala kwathambo.

Umhlathi 3

- UThole uthunyelwa kwibandla laseGeorge Goch njengomfundisi.
- UMkwayi useRhawutini naye ngeli xesha uphangela enkomponi.
- UThole wenza imvuselelo eGeorge Goch.
- Abafana abahlala noMkwayi enkomponi bayaya kwezi mvuselelo.
- Xa bebuya kwezi mvuselelo bafika bachazele uMkwayi ngentshumayelo kamfundisi eguqula abantu.
- UMkwayi ubonakalisa umdla ze ababuze ngalo mfundisi.
- Abafana baxelela uMkwayi ukuba umfundisi ngumXhosa.
- Abafana baxelela uMkwayi ngomfo wakuCentane oguqukileyo.
- Abafana baxelela uMkwayi ngokufana kwakhe nomfundisi.
- Babalula isiva eso sasisebunzi besitsho ukuba siyafana nesikamfundisi.
- UMkwayi unomdla wokumbona lo mfundisi.
- UMkwayi uya ecaweni ayo kubona umfundisi, umamela nentshumayelo yakhe engethemba.
- Uyachukumiseka uMkwayi asitsho isikhalo xa emamele imizekeliso kamfundisi ngethemba.
- Uyathuliswa asiwe emishini apho aza kujongwa nguThozama.
- Emva kokukhala uncokola nomfundisi bezama ukwazana.
- Encokweni yabo kwavela ukuba uThole ngunyana kaMkwayi owaduka nonina ngethuba kusitsha indlu yabo/uMkwayi ucinga ukuba batshela kuloo ndlu.

[Umfundi ufumana inqaku elinye kwiimpendulo ezilishumi elinesine (14) azibhalileyo kwezi zingentla].

Umhlathi 4

- Kwabakho umanyano phakathi kukaThole noyise ubaw'uMkwayi waze wadlala indima yakhe njengomntu omkhulu ekhaya – nguye owathiya umzukulwana wakhe igama akuba ezelwe.
- UThole wamkhathalela kakhulu utata wakhe – wamcheba intloko, wamtsheva iindevu waze wamthengela nempahla.
- UThole waye wafumana umsebenzi eGcuwa ze loo nto yenza ukuba yena nosapho lwakhe babuyele ekhaya.

[Nayiphi impendulo elungileyo eza nomfundi kwezi zingentla iyakwamkeleka].

ICANDELO B

IRUBRIKI YOKUHLOLA IMIHLATHANA EMIDE (30)

ISIQULATHO	Balaseleyo Khowudi 7 100–80%	Mfaneleko Khowudi 6 79–70%	Enomthamo Khowudi 5 69–60%	Anele Khowudi 4 59–50%	Phakathi Khowudi 3 49–40%	Buthathaka Ikhowudi 2 39–30%	Bhetye-bhetye Khowudi 1 29–0%
AMANQAKU	**20–17**	**16–14**	**13–12**	**12–10**	**9–8**	**7–6**	**5–0**
UMONGO, UYILO NEFOMATHI (20 AMANQAKU)	Umxholo nocwangciso zibonakalisa ingqiqo nolwazi OLUNZULU ngesihloko. Iingcamango zivuthiwe.	Umxholo nocwangciso zibonakalisa ukuchaneka kokutolikwa kwesihloko. Izimvo zibhadlile zenza kwaphuma isincoko esikwizinga eliphakamileyo.	Umxholo nocwangciso kubonakalisa ukuchaneka kokutolikwa kwesihloko. Isincoko sinomfaneleko Izimvo zenze isihloko saphumelela.	Umxholo isicwangciso izimvo konke kuyanelisa. Iingcamango ziqhelekile kwaye ziyasilela ngobunzulu.	Umxholo, ucwangciso nezimvo kuzamekile noxa nje kusekho izikroba kunamathelwano. Iingcamango uninzi lwazo zinxulumene.	Umxholo, izimvo nothungelwano azibekelwanga kakuhle. Iingcamango zinqongophele. Kusoloko kuphindwaphindwa into enye.	Umxholo, uthungelwano lwezimvo kuyingxaki enkulu. Isihloko asikho mxholweni. Kwaye alukho unamathelwano. Iingcamango azibonisi ngqiqo kwaye zihambela kude nesihloko.
	10	**7**	**6**	**5**	**4**	**3**	**2**
ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA (10 AMANQAKU)	Kugqalwa kulwimi, iziphumlisi uchongo-magama nobugqina bohlelo konke kugqwesile. Ulwimi lusulungekile kwaye lusetyenziswe ngempumelelo enkulu nangokufanelekileyo. Ubuchule kwisakhono solwakhiwo kwezivakalisi imihlathi kugqwesile.	Kugqalwa kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobugqina bohlelo konke kukwizinga eliphakamileyo. Ulwimi lusulungekile kwaye lusetyenziswe ngokuchanekileyo. Ubuchule kwisakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude kuphakamile kakhulu.	Kugqalwa kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobugqina bohlelo konke zisetyenziswe ngokuchanekileyo kumaxesha amaninzi. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi imihlathi,izimvo nobude kukwizinga eliphakathi. Ubukhulu betekisi abunazimposiso.	Kugqalwa kulwimi, iziphumlis i nochongo magama nobugqina bohlelo, kulula. Isincoko sihambelana neemfuno zesihloko gabalala. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo. Itekisi inazo iimposiso.	Kugqalwa kulwimi, iziphumlisi, uchongo-magama, ubungqina bohlelo konke kuphakathi. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude zizamekile ukuphuhla nangona itekisi inazo iziphoso.	Kugqalwa kulwimi, iziphumlisi uchongo-magama nobungqina bohlelo konke kuyahexa. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude aziphuhlanga ncam. Itekisi ineziphoso ezininzi.	Kugqalwa kulwimi, iziphumlisi, uchongo-magama nobunzima kohlelo konke kunzima kakhulu. Ulwimi lusetyenziswe tenxileyo ngokugqithisileyo. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi nezimvo aziphuhlanga kwaphela. Itekisi idlaka-dlaka ziimposiso.

IMIHLATHANA EMIDE IYA KUHLOLWA NGOLU HLOBO:

ISIQULATHO	AMANQAKU
A: Umongo, uyilo, nefomathi	20
B: Ulwimi, isimbo nokuhlela	10
AMANQAKU EWONKE	**30**

IEB Copyright © 2020

IRUBRIKI YOKUHLOLA IMIHLATHANA EMIFUTSHANE (10)

ISIQULATHO	Balaseleyo Khowudi 7 100–80%	Mfaneleko Khowudi 6 79–70%	Enomthamo Khowudi 5 69–60%	Anele Khowudi 4 59–50%	Phakathi Khowudi 3 49–40%	Buthathaka Ikhowudi 2 39–30%	Bhetye-bhetye Khowudi 1 29–0%
AMANQAKU	**6**	**5–4**	**4–3**	**3–2**	**2–1**	**1**	**1–0**
UMONGO, UYILO NEFOMATHI (6 AMANQAKU)	Umxholo nocwangciso bubonakalisa ingqiqo nolwazi OLUNZULU ngesihloko. Isincoko sigqibelele kwaye asinamakhwiniba.	Umxholo nocwangciso zibonakalisa ukuchaneka kokutolikwa kwesihloko. Iingcamango zihlakaniphile kwaye zinika umdla.	Umxholo ubonisa ukusiqonda isihloko. Isicwangciso senze kwaphuma isincoko esilunge kakhulu.	Umxholo, izimvo, isicwangciso konke kwenze kwaphuma isihloko esinomfaneleko nesamkelekileyo.	Umxholo, isicwangciso nezimvo konke kwenze kwaphuma isincoko esiphakathi nesinamatheleneyo. Kuzamekile noxa kusekho izikroba.	Umxholo, izimvo nothungelwano kwenze kwaphuma isincoko esingabekelwanga kakuhle. Isicwangciso sintama ukungabikho kwenkathalo.	Umxholo, uthungelwano lwezimvo kuyingxaki enkulu. Isicwangciso asibonisi ngqiqo kwaye sixazalala.
	4	**4–3**	**3**	**3–2**	**2**	**1**	**1–0**
ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA (4 AMANQAKU)	Kugqalwa kulwimi, iziphumlisi, uchongo-magama nobungqina bohlelo konke kugqwesile. Ubuchule nesakhono kulwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude kugqwesile.	Kugqalwa kulwimi, iziphumlisi, uchongo-magama nobungqina bohlelo konke kukwizinga eliphakamileyo. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude zikwizinga eliphakamileyo.	Kugqalwa kulwimi, iziphumlisi, uchongo-magama nobungqina bohlelo konke kuphakathi. Ulwimi luqhelekile. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude zonke zikwizinga eliphakathi.	Kugqalwakulwimi, iziphumlisi, uchongo-magama, nobungqina bohlelo konke kuyanelisa. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo, nobude kuyanelisa.	Kugqalwa kulwimi, uchongo-magama, nobungqina bohlelo konke kusetyenziswe ngokungachanekanga. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude ziyahexa ziimposiso.	Kugqalwakulwimi, iziphumlisi, uchongo-magama, nobungqina bohlelo konke kusenzinyana. Ulwimi lusetyenziswe tenxileyo ngokugqithisileyo Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude aziphuhlanga ncam.	Kungqalwa kulwimi, iziphumlisi, uchongo-magama, nobungqina bohlelo konke akuphunyezwanga. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude aziphuhlanga kwaphela. Itekisi idlaka-dlaka ziimposiso.

IMIHLATHANA EMIDE IYA KUHLOLWA NGOLU HLOBO:

ISIQULATHO	AMANQAKU
A: Umongo, uyilo, nefomathi B: Ulwimi, isimbo nokuhlela	6 4
AMANQAKU EWONKE	**10**

Amanqaku ewonke: 100

IEB Copyright © 2020